

# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.


## Ingxoxo


- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

*Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.*





*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.*

# UNdlulamthi uyakuthanda ukufunda



UNdlulamthi uhlala kumyezo wezilwanyana nezinye izilwanyana.

Namhlanje uNdlulamthi ubone intombazana ihleli phambi kwesibaya sakhe izifundela incwadi.

"Ikhangeleka inomdla la ncwadi. Akwaba bendinokuya kwithala leencwadi ndizifumanele ezam iincwadi," utshilo ezithethela.



Uthe akuba naloo ngcinga wabaleka wazimela kumyezo wezilwanyana. Nanko esiya kwithala leencwadi edolophini.

"Akwaba bendinokungena ngaphakathi kwithala leencwadi ukuze ndifunde incwadi," watsho.

Wakroba efesitileni wafunda incwadi kaJabu.

"Laa ncwadi imalunga neziphekepheke ikhangeleka inomdla kakhulu," wacinga.



Wajonga efesitileni kwakhona wafunda incwadi ka-Ann.

Elaa bali likhangeleka linomdla nalo," wacinga ngelitshoyo.

Uphindile wakroba efesitileni wabona uBongi efunda incwadi.

Uyifundile nayo waza wacinga, "Laa ncwadi ingezipheko inika umdla nayo."



Uthe esajonge efesitileni njalo wabona usozincwadi ewisa incwadi. Wothuswe kukubona uNdlulamthi kwithala leencwadi.

Usozincwadi watsalela umgcini-myezo wezilwanyana umnxeba emcela ukuba aze kulanda uNdlulamthi.



"Hayi kaloku Mnu. Ndlulamthi, kufuneka ubuyele kumyezo wezilwanyana. Akuvumelekanga ukuba ube lapha," watsho usozincwadi.

"Wamkelekile kwakhona kumyezo wezilwanyana Mnu. Ndlulamthi. Siza kukuphathela iincwadi kwithala leencwadi rhoqo ngeveki ukuze ufunde nawe," utshilo umgcini-myezo wezilwanyana.

## Iincwadi luncuthu mazangwa!






# Masicule!

## Ndazi Ndlulamthi ithile

Ndazi ndlulamthi ithile,
enentamo ende kunene.
Iyitsala iyitweze,
ide ifike esibhakabhakeni.
Ihlala emathafeni,
neendlovu zikhona.
Kanti ungayibona
kumyezo wezilwanyana.








# Iindlulamthi

Indlulamthi sisilwanyana eside esodlula zonke ezinye izilwanyana eziphilayo emhlabeni. Itya amagqabi emithi. Iindlulamthi zineentamo ezinde nemisila emide. Amalwimi azo nawo made kangangokuba ziyakwazi ukukhotha iindlebe zazo ngawo.










# Imisebenzi yokufunda yamaqela




1 Jonga imifanekiso. Xelela umhlobo wakho ukuba kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye.
Xelela umhlobo wakho ukuba ngowuphi umfanekiso omele ukuba ngowokuqala, owesibini, owesithathu nowesine.
Phinda ubalisele umhlobo wakho ibali kwakhona, usebenzise imifanekiso.











2 Yenzani umdlalo nilinganise ibali.

3 Umfanekiso 2 wahluke njani kumfanekiso 1? Zingaphi iyantlukwano ozifumanayo?

UMFANEKISO 1




UMFANEKISO 2




4 Bhala izivakalisi zibe zi-2 ngalo mfanekiso ungentla.

5 Funda le mibuzo ilandelayo. Xelela umhlobo wakho iimpendulo.

a. Sithini isihloko sebali?
b. Ngubani umlinganiswa oyintloko?
c. Zeziphi iincwadi azibonileyo uNdlulamthi kwithala leencwadi?

d. Yintoni eyabangela ukuba usozincwadi awise incwadi akubona uNdlulamthi?

e. Ucinga ukuba libali eliyinyaniso eli?


f. Zingaphi izilwanyana ozibonayo kwiphepha lesi-5? Zixele.

g. Ucinga ukuba uNdlulamthi waziva njani xa ebuyiselwa kumyezo wezilwanyana?
Nika isizathu sempendulo yakho.

f. Ngowuphi umbuzo onqwenela ukuwubuza utitshala wakho malunga neli bali?



6 Yeyiphi incwadi oyithanda kakhulu?
Zoba encwadini yakho umfanekiso weyona ncwadi uyithandayo. Wakugqiba bhala izivakalisi ezi-4 ukuya kwezi-6 ngencwadi leyo.



Inqanaba: 1

# Incwadi 4

| | |
|---|---|
| Isihloko: | UNdlulamthi uyakuthanda ukufunda |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-2 Incwadi yesi-1 Inqanaba 4 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | ukufunda, wamkelekile, akwaba, tsala umnxeba, kroba, buyela, rhoqo, ukutsho, ingcinga. |
| Isigama: | inomdla, ithala leencwadi, isiphekepheke, izipheko, usozincwadi, umgcini-myezo wezilwanyana, iresiphi, umhloli, inencasa, umnqweno, ukunqwenela, isibaya |
| Izandi: | aa, gc, nx, ts, tw, kr, ee, ii, nqw, ncw, dl. |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Chaza imifanekiso.<br>▪ Dwelisa imifanekiso ngokulandelelana kwayo.<br>▪ Balisa ibali ngokusebenzisa imifanekiso.<br>▪ Yenza umdlalo omfutshane ulinganise ibali.<br>▪ Khangela ebalini amagama anemvano-siphelo efanayo okanye ahambelanayo.<br>▪ Chonga umahluko.<br>▪ Bhala izivakalisi ezibini ngomfanekiso.<br>▪ Funda isicatshulwa uze uphendule imibuzo.<br>▪ Chonga eyona ncwadi uyithandayo uze uzobe umfanekiso oyibonisayo. Bhala ibali ngawakho amazwi, izivakalisi mazibezi-4 ukuya kwezi-6 ngencwadi leyo. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga lesi-2 zoLwimi Lweenkobe:

### Inqanaba: 1

- USisi unomhlobo omtsha
- Kunzima ukuba yinja
- Mhla iqwarhashe lanemigca
- UNdlulamthi uyakuthanda ukufunda

### Inqanaba: 2

- UBubu ulahlekile
- Benza njalo abahlobo
- Intshontsho ledada elibi

### Inqanaba: 3

- Ibhayisekile entsha kaBheki
- Izilwanyana ziya elwandle
- Tshotsh' ubekho Mnenga

ISBN 978-1-4315-2634-5
9 781431 526345

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2634-5

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education
Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.